Inguqulelo (transition) esukayo kwiFISP

Igama ***'transition'*** lithetha indlela yokuguquko okanye yokuphenduka kwisimo esithile ukuya kwesinye.

duducoelho.com

Inkqubo-nkxaso zifakwa yezolimo (FISP) kumele ikhutshwe ngezigaba kufakwe endaweni yayo indlela exhasa i-agro ecology okanye ulimo olunobudlelwane nendalo, ufako mali ngurhulumente kwinkonzo ezixhasa ulimo olunebudlelwane nendalo, uphando nophuhliso oluqhutywa ngabalimi, uxhaso nokuhlonitshwa kwabalimi ukulawula imbewu zabo kwakunye nezibonelelo ezikhulu (amanzi neendlela) – ezithi xa zidibene zibe yinzuzo ekuhambeni kwexesha.

Uxhaso lwendlela evumela inxaxheba yabanye

- Abalimi namagosa oluntu angamacebisi balimi kufuneka axhaswe ngoqeqesho kwindlela zolimo ezinobudlelwane nendalo.
- Kukho imfuneko yosebenziswano kwemvaba ngeemvaba ezahlukeneyo ekuhlaleni, imibutho nabozobuchule.
- Kufuneka kubekho ulwazi olumpompoza macala onke phakathi kwabalimi, onzululwazi, imigaqo nenkqubo, cala ngalinye lisazisa elinye.

Ukubuyiswa kolawulo

Abalimi abasakhasayo kumele:

- bafune ukufakwa badlale inxaxheba kwizinto ezibadlayo;
- bahlole kwaye bavavanye iziphumo;
- balwise incitho nelahleko ezandleni zoongxowankulu.

www.acbio.org.za info@acbio.org.za Tel +27 (0)11 486 1156

african centre for biodiversity